# Isifundo 10

**29 Meyi – 4 Juni*

# Umnqophiso Omtsha

## SABATHA EMVA KWEMINI

**Fundela Isifundo sale Veki:**
Yer. 31:31–34; Mat. 5:17–28; Hos. 2:18–20; Isa. 56:6, 7; Heb. 8:7, 8; Heb. 10:4; Mat. 27:51.

**Indima Yenkumbulo:**
"Yabona, kuza imihla, utsho uYehova, endiya kwenza umnqophiso omtsha nendlu kaIsrayeli nendlu kaYuda" *(Yeremiya 31:31)*.

Umzobo wokuhlekisa kwelinye iphepha kwiminyaka eyadlulayo, wawubonisa igosa elikhulu eofisini limi neqela lezinye izikhulu. Eli gosa laliphethe ezandleni ibhokisi yento yokucoca, iyibonisa amanye amadoda neentokazi. Esemabhongweni, walatha igama Ntsha [New] owayebhalwe ngamagama amakhulu abomvu apha ebhokisini, inika into ethi, le mveliso yayintsha. Igosa labuya lathi, kakade, "Ngu'Ntsha' [igama elibhaliweyo] osebhokisini omtsha. Ngamanye amazwi, into ekuphela kwayo eguqukileyo ligama Ntsha [New], lo ubhalwe ngaphandle; kungenjalo, yonke enye into yayisenye. Ngandlel' ithile, omnye unako ukuthi umnqophiso omtsha ufana naloo nto. Isiseko somnqophiso, isiseko sokholo osibekele sona, iimeko zawo ezisisiseko, ikwazezo zazikho kumnqophiso omdala. Wawusoloko ungumnqophiso wobabalo lukaThixo nenceba yaKhe, umnqophiso owawakhelwe phezu kothando oludlula ngaphaya kobuthakathaka nokoyiswa komntu.

Iveki Ngokuyithi Tshazi: Kokuphi okuhambelanayo phakathi kweminqophiso Omdala noMtsha? Udlala eyiphi indawo umthetho emnqophisweni? Yenziwa nabani iminqophiso? Ithetha ukuthini incwadi yamaHebhere ngo"mnqophiso olungileyo ngakumbi"? (Heb. 8:6). Luthini ulwalamano phakathi komnqophiso nengcwele yasezulwini?

**Funda isifundo sale veki ulungiselele iSabatha kaJuni 5.*

# Cawa

*30 Meyi*

# Yabonani, Iyeza Imihla . . .

**Funda: Yeremiya 31:31–34 uphendule imibuzo elandelayo:**

**1. Ngubani oqala umnqopiso?**

---

**2. Ngumthetho kabani lo kuthethwa ngawo apha? Nguwuphi lo mthetho?**

---

**3. Zeziphi iindima ezicinezela umba wokuhlobana uThixo akufunayo nabantu baKhe?**

---

**4. Sesiphi isenzo athi uThixo, ngenxa yabantu baKhe,asenze sibe sisiseko kulwalamano lomnqophiso?**

---

Kucacile: Umnqophiso omtsha awuyonto yahluke kakhulu kumnqophiso omdala owenziwa noIsrayeli entabeni yaseSinayi. Inyaniso yeyokuba, ingxaki nomnqophiso waseSinayi yayingekuba wawumdala okanye wawuphelelwe. Ingxaki, endaweni yoko, yeyokuba wawaphulwe (bona uYer. 31:32). Iimpendulo kwimibuzo engentla, zonke zifunyanwa kwezo ndima zine, zibonisa ukuba amacala amaninzi o"mnqophiso omdala" asasele komtsha. "Umnqophiso omtsha," yenye indlela, ungu"mnqophiso ohlaziyiweyo." Ukukugqityezelwa, okanye ukuzalisekiswa, kowokuqala.

**Qwalasela kwindawo yokugqibela ka Yeremiya 31:34, apho uYehova athi uya kubuxolela ubugwenxa nesono sabantu baKhe. Nangona uYehova esithi uya kuwubhala umthetho ezintliziyweni zethu awubeke ngaphakathi kwethu, usacinezela ukuba uya kusixolela isono nobugwenxa, ezonakalisa umthetho obhalwe ezintliziyweni zethu. Ingaba ubona ukuphikisana okanye ukungadibani phakathi kwezi ngcamango? Ukuba akunjalo, kutheni? Kuthetha ukuthini, njengoko ibekwa kuma Roma 2:15, ukuba nomthetho ubhalwe ngaphakathi ezintliziyweni zethu? (Mat. 5:17–28).**

---

Xa ukhangele kwiindima zanamhlanje, ungazisebenzisa njani ukuphendula ingxolo yokuba, ngandlela ithile, imiThetho eliShumi (okanye, ngokukodwa, iSabatha) ngoku yenziwe yaba yinto engenamsebenzi phantsi komnqophiso omtsha? Ingaba ikho into ngokwenene kwezo ndima ebonisa loo nto? Ukuba ikho, umntu angazisebenzisa njani ezo ndima ukubonisa ukuma ngonaphakade komthetho?

# Ukusetyenzwa Kwentliziyo

Ngexesha ubukumkani basezantsi bakwaYuda babukufuphi ukuphela, abantu besiwa ebukhobokeni baseBhabheli, uThixo wavakalisa ngomprofeti waKhe uYeremiya "umnqophiso omtsha." Kwaye kukokuqala ukuba le mbono ithethwe eBhayibhileni. Phofu, xa izizwe ezili-10 zobukumkani basentla bakwaIsrayeli zazikufuphi ukutshatyalaliswa (kwisithuba se-150 seminyaka ngaphambi kwexesha likaYeremiya), imbono yomnye umnqophiso yakhankanywa kwakhona, ngoku nguHoseya (Hos. 2:18–20).

**Funda: Hoseya 2:18–20. Qaphela ukuhambelana phakathi kwento ethethwa nguYehova apho kubantu baKhe nento awayithetha kuYeremiya 31:31–34. Yeyiphi imifanekiselo efanayo esetyenzisiweyo, kwakhona, ithini ngentsingiselo esisiseko nendalo yomnqophiso?**

_____

Ngamaxesha athile embalini, xa amacebo kaThixo ngabantu baKhe bomnqophiso ayephazanyiswa kukuvukela nokungakholwa kwabo, wayethumela abaprofeti ukuba bavakalise ukuba imbali yomnqophiso nabantu baKhe abathembekileyo yayingafikanga esiphelweni. Nokuba ukreqo, uvukelo, nokungathobeli phakathi kwabo kwakukuninzi kangakanani, uYehova wayesakuvakalisa ukuba nentumekelelo kwaKhe ukungena kulwalamano lomnqophiso nabo bonke ababenentumekelelo yokuguquka, bathobele, bazibange izithembiso zaKhe.

**Khangela ezi ndima zilandelayo. Nangona zingathethi ngokukodwa ngomnqophiso omtsha, zithini iziqalelo ezifunyanwa kuzo ezixhasa umnqophiso omtsha?**

**Hez. 11:19** _____

**Hez. 18:31** _____

**Hez. 36:26** _____

UYehova uya kukunika "intliziyo yokundazi, ukuba ndinguYehova" (Yer. 24:7). Uya "[kuyisusa] intliziyo yelitye enyameni yabo, [abanike] intliziyo yenyama" (Hez. 11:19, RSV), aze anike "intliziyo entsha" no"moya omtsha" (Hez. 36:26, RSV). Ukwathi, "Ndofaka uMoya wam ngaphakathi kwenu" (Hez. 36:27). Lo msebenzi kaThixo usisiseko somnqophiso omtsha.

# Umqophiso Omdala Nomnqophiso Omtsha

"Ke oonyana bolunye uhlanga, abanamathele kuYehova, ukuze balungiselele kuye, balithande igama likaYehova, ukuba babe ngabakhonzi kuye, bonke abayigcinayo iSabatha bangayi-hlambeli, ababambelela emnqophisweni wam; ndobazisa entabeni yam engcwele, ndibavuyise endlwini yam yokuthandaza; amadini abo anyukayo nemibingelelo yabo yokholiseka esibingelelweni sam; kuba indlu yam kuya kuthiwa yindlu yokuthandaza ezizweni zonke"(Isa.56:6, 7).

UYeremiya uthetha ngokuthi, umnqophiso omtsha uza kwenziwa "[ne]ndlu kaIsrayeli" (Yer. 31:33). Ingaba oku kuthetha ukuba yimbewu ka-Abraham ephuma esinqeni sakhe, amaYuda ngegazi nokuzalwa, aza kuzuza izithembiso zomnqophiso? Akunjalo! Inyaniso yeyokuba, kwakungenjalo nangamaxesha eTestamente eNdala. Eyokuba isizwe samaHebhere, sisonke, sasinikwe izithembiso zomnqophiso, iyinyaniso yona. Kanti ke, oko kwakungenziwanga bebekwe ecaleni abanye. Ngenye indlela, bonke, umYuda neNtlanga, babemenyiwe ukuba babe nenxaxheba kwizithembiso, kodwa kwakufuneka bavume ukungena kuloo mnqophiso. Ngokuqinisekileyo, kusenjalo nanamhlanje.

**Funda iindima ezingentla kuIsaya. Zithini iimeko ezizibekayo kwabo bafuna ukukhonza uYehova? Ingaba ngokwenene kukho ukwahluka koko uThixo akufuna kubo nakoko akufuna kuthi namhlanje? Yicacise impendulo yakho?**

Nangona kusithiwa umnqophiso omtsha "ungcono" (bona kwisifundo sangoLwesithathu), ngokwenene akukho ukwahluka kwiziqalelo ezisisiseko ezenza umnqophiso omdla nomtsha. IkwanguThixo omnye, onika usindiso ngendlela enye, ngobabalo (Eks. 34:6, Roma 3:24); nguThixo omnye ofuna abantu abaya kuthi ngokholo bazibange izithembiso zoxolelo (Yer. 31:34, Heb. 8:12); nguThixo omnye ofuna ukubhala umthetho ezintliziyweni zabo baya kumlandela kulwalamano lokholo (Yer. 31:33, Heb. 8:10), umYuda okanye iNtlanga. KwiTestamente eNtsha, amaYuda, awasabela kunyulo lobabalo, amamkela uYesu Kristu negospile yaKhe. Kwaba lixesha eyintliziyo yebandla, "amasalela ngokonyulo lobabalo"(Roma11:5) ngokuchaseneyo nabo "baqaqadekiswayo"(Roma 11:7). Kwangelo xesha linye, iiNtlanga, ezazingakholwa ngaphambili, zayamkela igospile zaza zimiliselwa kubantu benyaniso bakaThixo, bonke bongezwa kwabakholwayo, nokuba loluphi uhlanga okanye abantu ababelulo (Roma 11:13–24). Ngoko ke, kwiiNtlanga [ekuthiwa kuzo] "ngelo xesha nibe ningenaKristu, ningazani nawo umzi wakwaIsrayeli, ningabasemzini kuyo iminqophiso yalo idinga, ningenathemba, (Efese 2:12) zasondelwa ngegazi likaKristu. UKristu ungumlamleli "womnqophiso omtsha" (Heb. 9:15) wabo bonke abakholwayo, ngokungakhethi buzwe okanye luhlanga.

# Lwesithathu

*2 Juni*

# “Umnqophiso Olungileyo Ngakumbi”
## (Heb. 8:6)

Izolo sibone ukuba iziqalelo eziziseko, iminqophiso omdala nomtsha, konke kwakuyinto enye. Eyona nto iyiyo nebalulekileyo, lusindiso ngokholo kuThixo oya kusixolela izono zethu, kungangakuba kukho nto ilulutho kuthi kodwa kuphela ngenxa yobabalo lwaKhe. Ngenxa yoku kuxolelwa, singena kulwalamano naYe esithi kulo sizilahlele kuYe ngokholo nokuthobela. Kanti ke, sekunjalo, incwadi yamaHebhere ayithi umnqophiso omtsha “ngumnqophiso olungileyo ngakumbi (ongcono).” Sicinga ukuba kuthetha ukuthini oko? Kwenzeka njani ukuba omnye umnqophiso ube ngcono kunomnye?

**Yayiphi ingxaki eyenza uku“silela” komnqophiso omdala? (Heb. 8:7, 8).**

---

Ingxaki nomnqophiso omdala yayingengomnqophiso ngokwawo kodwa yayikukusilela kwabantu ukuwubamba ngokholo (Heb. 4:2). Ukongama komnqophiso omtsha komdlala kukwinto yokuba uYesu—endaweni yokuba atyhilwe kuphela ngemibingelelo yezilwanyana (njengakumnqophiso omdala)—ngoku uvela kuqobo lolungiselelo lokufa nombingeleli omkhulu. Ngamanye amazwi, usindiso olunikwayo kumnqophiso omdala lukwalolo lunikwa komtsha. Into eyenzekileyo kumnqophiso omtsha, kukutyhilwa ngokukhulu nangokupheleleyo kukaThixo womnqophiso nothando analo ngakuluntu oluwileyo. Lo mtsha ungcono kuba, yonke into eyayifundiswa ngemifuziselo neentlobo kwiTestamente eNdala ifumene inzaliseko yayo kuYesu, obomi baKhe bungenasono, ukufa kwaKhe, nokulungiselela kwaKhe kobubingeleli obukhulu babufuziselwa kwinkonzo yengcwele yasemhlabeni (Heb. 9:8–14). Ngoku ke, endaweni yemifuziselo, yeentlobo, nemizekelo, sinoYesu ngokwaKhe, hayi njengeMvana exheliweyo kuphela waphalaza igazi laKhe ngenxa yesono sethu (Heb. 9:12) kodwa omi enguMbingeleli omKhulu wethu ezulwini elungiselela ngenxa yethu (Heb. 7:25). Nangona usindiso alunikayo lulunye, oko kutyhilwa kwaKhe kuzeleyo nosindiso oluzuzwa kuYe, njengoko lutyhilwe kumnqophiso omtsha, kuwenza ube ngaphezulu kulowo umdala.

**Funda: amaHebhere 8:5 nomaHebhere 10:1. Leliphi igama elisetyenziswe ngumbhali ukuchaza iinkonzo zasengcweleni zomnqophiso omdala?**

---

**Cinga ngoku: Kutheni le nto ukwazi ngobomi bukaKristu, ukufa, nolungiselelo lombingeleli omkhulu ngenxa yethu kusinika ukumqonda ngcono uThixo kunokuba umntu ebeya kulufumana kwinkonzo yasengcweleni yemibingelelo yezilwanyana?**

# Lwesine

*3 Juni*

# Umbingeleli Womnqophiso Omtsha

Incwadi yamaHebhere ibeka ucinezelo olunzima kuYesu njengoMbingeleli oMkhulu engcweleni yasezulwini. Inyaniso yeyokuba, okona kuchazwa kucace kakhulu komnqophiso omtsha okufunyanwa kwiTestamente eNtsha kubonakala kwincwadi yamaHebhere enocinezelo lwayo kuKristu njengoMbingeleli oMkhulu. Asiyiyo ingozi le. Ulungiselelo lukaKristu ezulwini lubophene ngokuphotheneyo namadinga omnqophiso omtsha. Inkonzo yengcwele yeTestamente eNdala yayiyindlela ekwakuthi ngayo iinyaniso zomnqophiso omdala zifundiswe. Yayizinze kumbingelelo nokuthethelela. Izilwanyana zazixhelwa, lize igazi lazo licanyagushelwe ngababingeleli. Ezi, phofu, zonke zaziyimifuziselo yosindiso olufunyanwa kuphela kuYesu. Kwakungekho lusindiso lufunyanwa kuzo nangazo.

**Funda: Hebhere 10:4. Kutheni le nto kungekho lusindiso lufunyanwa ekufeni kwezi zilwanyana? Kutheni le nto ukufa kwesilwanyana kunganelanga ukuzisa usindiso?**

---

Yonke le mibingelelo, nokucamagusha kobubungeleli okwakuhamba nayo, kwafikelela ekuzalisekisekeni kuKristu. UYesu waba nguMbingelelo ekwaxhomekeka phezu kwawo igazi lomnqophiso omtsha. Igazi likaKristu lawulungisa umnqophiso omtsha, lisenza ukuba umnqophiso waseSinayi nemibingelelo yawo ube "mdala" okanye ungabinto. Umbingelelo oyinyaniso wawenziwe, kwabakanye ungowabo bonke (Heb. 9:26). Ngako nje ukuba uKristu afe, akuzange kube sabakho sidingo sokuba izilwanyana zixhelwe. Iinkonzo zengcwele yasemhlabeni zaziwuzalisekisile umsebenzi wazo.

**Funda: Mateyu 27:51, osixelela ngendlela ikhuselo lakrazuka ngayo ukufa kukaYesu. Eso siganeko sisinceda njani ukuba siqonde ukuba kwakutheni ukuze ingcwele yasemhlabeni idlulwe?**

---

Okwakuqanyangelwe, phofu, kule mibingelelo yezilwanyana yayilulungiselelo lobubingeleli, abo baLevi babenikela bacamagushe imibingelelo engcweleni yasemhlabeni ngenxa yabantu. Ngako nje ukuba imibingelelo iphele, isidingo solungiselelo lwabo nalo lwaphela. Yonke into yayizaliseke kuYesu, olungisela ngoku ngelaKhe igazi engcweleni yasezulwini (bona: Heb. 8:1–5). AmaHebhere acinezela ukuba uKristu njengoMbingeleli omKhulu ezulwini, akuba engenile ngokuphalaza elaKhe igazi (Heb. 9:12), ethethelela ngenxa yethu. Esi sisiseko sethemba nesithembiso esinaso emnqophisweni omtsha.

**Kukwenza uzive njani, ukuqonda ukuba, nangoku, uYesu uyalungiselela ngelaKhe igazi ezulwini ngenxa yakho? Lingakanani ithemba nokuqiniseka okunikwa koko ngokubhekiselele kusindiso?**

## Ingcamango Eyongeziweyo:

"Ngokuthabatha kwaKhe isonka newayini nabafundi baKhe, uKristu wabhambathisa ngaYe kubo ukuba woba nguMhlanguli wabo. Wanikela kubo umnqophiso omtsha, ababeza kuthi ngawo, bonke abamamkelayo babe ngabantwana bakaThixo, iindlamafa kunye noKristu. Ngalo mnqophiso yonke intsikelelo elinokuyithulula izulu kobu bomi nakubomi obuzayo, iya kuba yeyabo. Lo mnqophiso kungenwe kuwo wawuza kulungiswa ngegazi likaKristu. Ukwenziwa komthendeleko kwakuza kubenza abafundi bahlale bekhumbula umbingelelo ongenamda owenzelwa umntu ngamnye, naye eyinxalenye yalo lonke uluntu oluwileyo."—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade,* iph. 659. "Esona simo sinomtsalane kulo mnqophiso woxolo bubutyebi obudlulisileyo benceba exolelayo exelelwe umoni xa athe waguquka wabuya esonweni sakhe. UMoya Oyingcwele uyichaza igospile njengokusindiswa ngeenceba ezinobubele zikaThixo wethu. 'Ndiya kukuxolela ukungalungisi kwabo,' utsho uYehova kwabo baguqukayo, 'nezono zabo, nokuchasa kwabo umthetho, ndingabi sakukhumbula'(Heb. 8:12). Ingaba uThixo uyajika ebulungiseni ngokubonisa inceba kumoni? Hayi; uThixo akakwazi ukungawuhloniphi umthetho waKhe ngokuwuyekela ukuba waphulwe kungabikho kohlwaywa. Phantsi komnqophiso omtsha, ukuthobela okugqibeleleyo kuyimeko yobomi. Ukuba umoni uyaguquka azivume izono zakhe, uya kuxolelwa. Ngombingelelo kaKristu ngenxa yakhe, uxolelo luqinisekile kuye. UKristu uzanelisile izidingo zomthetho kuye wonke umoni oguqukayo, okholwayo."—Ellen G. White, *God's Amazing Grace,* p. 138.

## Imibuzo Yokuxoxwa:

**1. Kuyintoni okuhle kokuba umthetho ubhalwe ezintliziyweni ngokuchasene nokuba semacwecweni amatye kuphela? Kokuphi okulula ukukulibala, umthetho obhalwe ematyeni okanye umthetho obhalwe entliziyweni?**

**2. Kususela ekuweni koluntu, usindiso lwafunyanwa kuphela ngoYesu, nokuba isityhilelo saloo nyaniso sasahlukene kwiizigaba ezahlukenyo zembali. Ayisebenzi ngaloo ndlela inye iminqophiso?**

**3. Khangela isicatshulwa sesibini sikaEllen G. White kwisifundo sanamhla. Uthetha ukuthini xa ethetha ngo"kuthobela okugqibeleleyo" njengokufunekayo kulwalamano lomnqophiso? Ngubani ekuphela kwaKhe onikele "ukuthobela okugqibeleleyo"? oko kuthobela kuphendula njani kokufunwa ngumthetho ngakuthi?**

**Isishwankathelo:** Umnqophiso omtsha ungaphezulu, uphelele ngokukhulu, kwaye usisityhilelo esilunge kakhulu secebo lokuHlangula. Thina banenxaxheba kuwo ngokholo, ukholo oluya kuzibonakalalisa ngokuthobela umthetho obhalwe kwiintliziyo zethu.